

**INcwadi yokuFundisa yokweNza uluNtu  
luQonde kunye nokuluHlanganisa  
ngokuphathelene noMgadana**



*Ifoto nguSarah Pryke*

**MASISEBENZENI KUNYE UKWENZA UMGADA UBE YIMBALI!**

## INcwadi yokuFundisa yoQeqesho

### **Injongo**

- *Kukufundisa abasebenzi boluntu malunga nesifo somgada kunye nentsongelo emandundu uluntu lwabo olujongene nayo yinke imihla kumgada.*
- *Kutheni kufuneka bazise kwaye basasaze ulwazi malunga nesifo kwiindwo abahlala kuzo?*
  1. *Ukukhuthaza abantu ukuba bagonye izinja.*
  2. *Ukufundisa abantwana bakuphephe ukulunywa zizo.*
  3. *Ukuze abantu baxele izinja ezikrokrekayo.*
  4. *Amalungu oluntu alinyuweyo aza kufumana unyango olukhawulezayo.*
- *Abo baqeqeshiweyo bangazisebenzisa njani iimpembelelo zabo ukuhlanganisa uluntu xa izitofu zokugonya izinja zicetywa kwaye zisetyenziswa ukuphumeza ulawulo?*
  1. *Ukuzibandakanya neenkokeli zoluntu ukuxhasa amaphulo*
  2. *Ukwazisa uluntu ngamaphulo ezayo.*

## Iziqulatho

1.	IziNja Zethu: .....	3
2.	Umgada isifo: .....	4
	Imbali .....	4
	Yintoni uMgada? .....	5
	Ngubani okanye yintoni enokufumana uMgada?.....	5
3.	Ingena njani iNtsholongwane yoMgada eMzimbeni? .....	7
	limpawu kwizilwanyana.....	8
4.	UMgada nabaNtwana .....	9
5.	Yintoni esingayenza malunga neNgozi yesi Sifo? .....	10
6.	Sizigonya njani izinja xa sifika kwindawo yoluntu?.....	11
7.	Singanceda njani, kutheni sifuna wena? .....	12
	Ukuthetha nabantwana besikolo .....	13
	Ukwakha ubudlelwane obulungileyo nawo onke amalungu oluntu.....	15
8.	Uluntu luzixela kubani ingxaki zomgada: .....	15
	Yinto ekufuneka uyenze de kufike uncedo:.....	16



## 1. IziNja Zethu

Izinja ziyinxenye ebalulekileyo kuluntu lwethu kunye nembali yethu, ziya kuhlala zinathi ngoko ke izifo ezifana nomgada ezinokosulela zisuka ezinjeni zizisiya ebantwini kufuneka zithintelwe (Imifanekiso inikwe ngu-Sarah Pryke)




Nakuba kunjalo, izinja zidlala indima ebaluleke kakhulu kubomi bethu kwaye ukuba silungile kuzo zisoloko zithembekile kwaye ziya kusikhusela thina, amakhaya ethu nemfuyo. Zinokuba ngamaqabane ebantwaneni kwaye kufuneka ziphathwe ngobubele. Zinokosulela ngezinye izifo ngaphandle komgada, ezifana neentshulube ebantwini ngoko keinja eyonwabileyo **esempilweni** ibaluleke kakhulu.

## Inja nganye kufuneka iqinisekiswa ngeenkululeko ezintlanu

- Ukutya okunempilo kunye namanzi acocekileyo (iSondlo) (iziNjana zinikwa ukutya amaxesha ama-2 ukuya kwama-3 ngemini/eziNdala ixesha eli-1 ukuya kwama-2 ngemini)
- Ikhosi eMoyeni, emvuleni naselangeni (okuSiNgqongileyo) (okuShushu nokuBandayo)
- Unyango xa zigula okanye zonzakele (iMpilo) uGonyo, ukuseliswa amayeza eeNtshulube ubuncinane kabini ngonyaka.
- Abanye abahlobo abazizilwanyana bokudlala (ubuQabane)
- Inkululeko yokuziPhatha okuQhelekileyo



## 2. Umgada isifo




### Imbali

Umgada ubekho kuphela ukususela ngo-1976 kwizinja zase-KZN kwaye ubulala abantu kwiphondo xa lilonke.

Ngo-2018 i-KZN yehlelwa kukuvela kwesifo kwizilwanyana kwaye abantu abasi-8 baye basweleka kwiinyanga ezisi-8, apho kubo isi-6 yayingabantwana abaphakathi kweminyaka emi-2 ukuya kweli-12 ubudala. Uninzi loku yayisisiphumo sokulunywa zizinja, kodwa kananjalo nomkrwelo omnye wekati; uninzi loku kudibana yayizizilonda nje ezingephi kwaye ke ngoko abantu zange bacinge ukuba kufuneka bafune uncedo. Zonke iimeko ngabe ziphetshiwe ngonyango oluchanekileyo (Lwasimahla), nakuba kunjalo, amakhoba asweleka kabuhlungu kakubi.

## Yintoni uMgada?

Umgada sesona sifo sibulalayo esaziwayo ngabantu kwaye sibangwa yintsholongwane. Intsholongwane yinto encinane ephilayo kwaye inokubonwa kuphela phantsi kwemikroskopu enamandla. Izifo ezininzi zibangwa ziiNtsholongwane. Zonke iintsholongwane zineemilo ezahlukeneyo njengoko ubona kumfanekiso ongezantsi.



INTsholongwane yomgada imile njengembumbulu (ekukuphela kwayo kwindalo) efanelekileyo ngenxa yohlobo ebulala ngalo – Ibulala nge-100%.

Intsholongwane yosulela ngokulunywa sisilwanyana esine-RABID apho amathe agcwele intsholongwane angena kwixhoba.

Msinyane nje ukuba iNtsholongwane izincamathisele kumthambo-luvo, alusekho ke unyango lwayo kwaye isilwanyana okanye umntu uyakusweleka ngenxa yoMgada.

## Ngubani okanye yintoni enokufumana uMgada?

Zonke iziLwanyana eziNcancisayo, zinokuwufumana uMgada. IziLwanyana eziNcancisayo zizilwanyana ezinegazi elishushu ezinoboya ezondla iintsana zazo ngobisi.

Izilwanyana ezifana neenyoka, amasele, iintaka, njl. njl. (zizilwanyana ezinegazi elibandayo) AZIWUFUMANI umgada.

Umgada omninzi e-KZN usasazwa ziziNja! Oodyakalashi ngabanye abathwali besifo ekukuphela kwabo e-KZN kodwa badlala indima encinane kummandla we-midlands. Apho kukho khonainja kukho umgada – (Kuninzi lwe-KZN) ama-85-90% eemeko zizinja.

Iinkomo zezona zilandelayo kwiimeko ezininzi, iimeko ezimbalwa zikwiibhokhwe negusha.

Iikati kananjalo ziyawufumana umgada kwaye ziyingozi kakhulu ebantwini kuba ziye zibe nokuhlasela kakhulu.



***Akukho mpuku okanye iinkawu ekufunyaniswe ukuba zinomgada e-KZN!***



***“i-100% lezilwanyana ezifumana umgada liza kufa”***

Ezinye izilwanyana ezininzi zinokuwufumana kananjalo umgada ingakumbi umhlangala, iingada kunye neenyamakazi ezithile. Amalulwane kananjalo ayawufumana umgada kodwa banentsholongwane eyohluka kancinane; athathwa ngokuba ayingozi kakhulu.


***Okona kubalukeke kakhulu ABANTU banokuwufumana uMgada, kwaye ngenxa yale ngozi sifuna ukuphakamisa ukuqondwa kunye nokufundisa abantu ngokuba basiphepha njani na esi sifo sibi kangaka.***



### 3. Ingena njani iNtsholongwane yoMgada eMzimbeni?

Intsholongwane ifunyanwa ematheni enja okanye esilwanyana esinomgada. Xa iluma

Figure 22.12 Pathology of rabies infection.



ixhoba amathe angena emzimbeni (Jonga umfanekiso).


Intsholongwane iya kuziphindaphinda kwindawo leyo kulunywe kuyo, (eli libakala elibalulekileyo lonyango!) kodwa xa efika kumthambo-luvo alisekho ixesha lonyago. Ukusukela kwixeshainja/umntu elunyiwe ukuya kwixesha aqala ngalo ukubonisa

iimpawu zesifo, ngesiqhelo kuthatha iiveki ezi-2 ukuya kwezi-6 (Nakuba kunjalo eli thuba ngamanye amaxesha linokuba lide kakhulu ukusukela kwiinyanga ezi-6 ukuya nangaphaya konyaka).

Nakuba kunjalo, xa intsholongwane ingena kumthambo-luvo iqala ukuphindaphindeka ngokukhawuleza ize iye ebuchotsheni! (Ithanda ithishu yomthambo-luvo) Ayikho into enokwenziwa ukusindisa umntu yakube intsholongwane ingene kwimithambo-luvo, lo mntu uza kusweleka!

Yakube isebuchotsheni iyaphindaphindeka ize iqale ukubanga iimpawu esizibonayo njengoko ichaphazela amalungu awohlukeneyo obuchopho.





Intsholongwane ke isuka iye kumadlala amathe apho ikhutshwa khona, kwaye ke ngoko inokubonwa ke intsholongwane isematheni kuze ke ukuqala kweempawu kwenzeka malunga

nangexesha elinye. Iimpawu zimbi kwaye zothusa kakhulu, kubo bobabini ixhoba kunye nakubantu abalijikelezileyo. Intsholongwane ikhawuleza ichaphazele imisebenzi ebalulekileyo emzimbeni ngokushwabanisa izihlunu oko okusoloko kukhokelela ekuswelekeni, okona kuxhaphake kakhulu kukuba umxokomezelo wokuphefumla uyavaleka ungasebenzi.

Ukusweleka ngokuqhelekileyo kwenzeka kwiintsuku ezi-3 ukuya kwezi-5 emva kokuqala kweempawu! **AKUKHO ZILWANYANA OKANYE ABANTU ABASINDAYO KUMGADA!!!**

### Iimpawu kwizilwanyana

Akusoloko kucacile kwiimpawu ukuba isilwanyana sinomgada! Yiloo nto kubalulekile ukuba unagziphathi izilwanyana ongazaziyo!

Iimpawu zinokohluka kakhulu kwaye zenzeke kumabakala awohlukeneyo kwithuba leentsuku ezi-3 ukuya kwezi-5 zonyango. Kukho iintlobo ezimbini ezingundoqo zesifo, ezi ziintlobo ezithuleyo kunye nezihlaselayo, nakuba kunjalo nako oku kunokulahlekisa.

Iimpawu eziBalulekileyo:

- UTshintsho ekuziPhatheni!
- Ukuhlasela nokuluma nantoni na.
- Ukusabela okubaxiweyo ekukhanyeni nakwizandi.
- Ukugungqa
- Ubuphakuphaku
- Ukunqakula izinambuzane ezibhabhayo ezisezingcingeni.
- Ukulahleka

**OKUBALULEKILEYO!**  
**Iimpawu zomgada zinokohlukana kakhulu, njengoko intsholongwane ichaphazela ubuchopho besilwanyana, ngoko ke lumkela NALUPHI na utshintsho ekuziPhatheni!**

- Ukubhadula nje
- Ukujama.
- Ukuvuza amathe
- Isililo esirhabaxa
- Izandi zokutsarhwa
- Izenzo ezingalungelelananga
- Ukushwabana okuqhubela phambili
- Iingqakumba zamehlo ezandileyo
- Ukuziluma
- Ukuxhuzula.
- Ukungabikho zingqondweni
- Ukufa

**Iimpawu ebantwini zinokufana nezo zikwizilwanyana.**



#### **4.UMgada nabaNtwana**

Uninzi lwabantu abasweleka ngenxa yomgada ngabantwana, abalunywe zizinja kodwa abaye bangayi ekliniki beyokufuna unyango.

Ukuba unyangwe ngokufanelekileyo kunye nangokukhawuleza emva kokulunywa, unayngo lusebenza i-100%.



**Umgada ubulala i-100% kodwa kananjalo unokuthintelwa i-100%**

**AKUKHO MNTU MAKASWELEKE KWESI SIFO!!!**

## ***Esi sisizathu sokuba kufuneka senze siqondwe!***

Ukuba umntu ulunyiwe, isilonda kufuneka sihlanjwe ngokukhawuleza ngesepha namanzi kwaye kufuneka aye kwisibhedlele okanye kwikliniki ekufutshane ayokufumana unyango. Ukuba isilonda siyopha isigulane siza kufumana isitofu esikhethekileyo ekuthiwa yi-immunoglobulin, esizilwa-buhlungu ezisulungekileyo egazini. Esi sitofwa esilondeni. Aze ke afumane izitofu ezi-4 zokugonya ngeentsuku 0, 3, 7 nolwe-14.

Ukusweleka okuninzi kungenxa yokungabikho kokuqonda koluntu ngoko ke abantwana abayi ekliniki, okanye baqonde umonakalo wesi sifo. Okanye ngenxa yonyango olungachanekanga, okanye isigulane singazifumani zonke izitofu. Kugxininise ukufumana unyango, ukuba umntu ulunyiwe!

Iimpawu zomgada ebantwini ziyoyikeka kwaye kaninzi zibhidaniswa nokuba needimoni e-KZN; onke amaxhoba ayasweleka.

*Ukulunywa okuninzi okosulela ngomgada kukulunywa nje okuncinane okanye imikrwelo leyo abantwana kunye nabazali bangazikhathaziyo ngayo!  
Kungakhathaliseki ngobukhulu besilonda, yiya kwiSibhedlele esikufutshane uyokufuna unyango!*



### **5.Yintoni esingayenza malunga nesi Sifo?**

#### **UMGADA UNOKUPHELISWA NGOKUGONYWA KWEZINJA!**

Ukuba ama-70% ezinja agonyelwe umgada siza kuphela isifo!

Ukuba abantu abalunywe zizinja okanye iiKati, bayahamba bayokufuna unyango - **NGEKE BASWELEKE!**

Ukuba wonke umntu uyanceda ngokukhathalelainja yakhe, ngokuyondla kunye nokuyigcina eyadini, inokuyeka ukuzula kwaye ifumane umgada.

Ukuba abantwana bayayiqonda indlela eziziphatha ngayo izinja kunye nokuba baziphepha njani, banokukuphepha ukulunywa.

### Umgada unokuvela naphi na ngalo naliphi na ixesha

Izinja ezinomgada ngamanye amaxesha zibaleka iikhilomitha ezininzi. Inja inokuba nesifo emzimbeni wayo iinyanga ngaphandle kokubonakalisa iimpawu okanye ibe nobungozi. Ngoko ke, umntu unokuzisa umgada kummandla ingakumbi ngokuthenga iinjana kweminye imimandla. Ezi njana okanye izinja ziza kugula ngesiquphe kwaye zisasaze isifo kwindawo ohlala kuyo. Kubaluleke kakhulu ukuba iinjana ezintsha zigonywe. Xa uthenga injana entsha khangela ukuba umama wayo ebegonyiwe na phambi kokuba uyitahthe, okanye yenza ukuba injana igonywe ngoko nangoko.

**Kufuneka sigonye izinja ezininzi kangangoko (kunye neekati) kunokwenzeka!!**



## 6. Sizigonya njani izinja xa sifika kwindawo yoluntu?

- Siza kulwazisa uluntu kwiveki e-1 ukuya kwezi-2 kwangaphambili ukuba siyeza.
- Siya kuthumela umyalezo ngeSebe lezeMpilo//i-Redcross!!
- Ezikolweni (Sazise iinqununu kwaye sicele ukubeka ulwazi loSuku lokuGonya)



### **Ukugonya izinja neekati kukhuselekile**

***Izitofu zokugonya zomgada zikhuselekile kwaye aziyio***

***kuchaphazelainja yakho ngayo nayiphi na indlela.***

***Ngeke ziyenze igule okanye ihlasele okanye ibe ngumzingeli***

- Izandisi zwi (Sipapashe ngezandisi zwi kwiintsuku ezimbini ezingangaphambili + ngosuku olo)
- Iiposta (Zibekwe kwiikhefi, ezicaweni njl. njl.)
- Unomathotholo

#### ***Ngosuku loGonyo:***

- Siya kufika neqela lezithuthi (jonga ngezantsi)
- Izithuthi ziya kuhla zinyuka ezindleleni, zibiza abantu ngezandisi zwi ukuba bazise izinja endleleni kwaye siya kuyigonyainja.
- Izitifiketi zikhutshelwa bonke abanini, ngabagonyi.



**liKliniki eziMileyo** - Ngoku, siza kucela isikolo okanye umnini venkile ukuba singasebenzisa umhlaba wakhe nezakhiwo njengekliniki. Upapasho luza kwenziwa ngendlela efanayo naleyo ndlela yokuhamba-hamba kodwa sihlala endaweni enye kwaye abantu beza kuthi. Oku kuphela kuxa abantu bengalwazi ukuzisa izinja zabo kwindawo ekudityanwa kuyo ngokulula. Isebenza ngcono kwiilali ezikwiindawo ezizodwa ecaleni.

**Singanceda njani, kutheni sifuna wena?**

**Ukuthetha nabantwana besikolo** yenye yeendlela ezingundoqo sokuphakamisa ukuqonda.

Cela isikolo sikuvumele ukuba ube nemizuzu eli-10 apho kudiTyanelwa khona ngabantwana besikolo okanye mhlawumbi nakwisifundo esinye ngexesha lesikolo.

- **Iincwadana** - Ungasebenzisa iincwadana ukunceda ekufundiseni abantwana malunga nomgada; ukukhathalela izilo qabane zabo kunye nokuba bakuphepha njani ukulunywa yinja. Ezi ncwadana okukhethekayo kufuneka zisetyenziswe ukufundisa iklasi kwaye zinganikwa nje abantwana (Iikopi zezitifiketi zinokwenziwa ukuvuza abantwana ngokwenza imisebenzi yencwadi yokusebenzela).



zisetenziswe ukufundisa iklasi kwaye zinganikwa nje abantwana (Iikopi zezitifiketi zinokwenziwa ukuvuza abantwana ngokwenza imisebenzi yencwadi yokusebenzela).

- **Iikhomikhi** – Ezi zinamabali abanokuwafunda abantwana kwaye bade bayidlale naseklasini. Ungayiphendula imibuzo emva kwembali ngalinye kwaye ufundise kananjalo ngemidlalo. Kwakhona kufuneka asetyenziswe njengomthombo ngootitshala kwaye zinganikwa abantwana, ngaphandle kokuba kunikwe ezininzi. (Enye inokushiywa kwithala leencwadi ngalinye)

Zama kananjalo ukusebenzisa enye imathiriyeli esiza kukunika yona, i-PowerPoint, imifanekiso yebhanyabhanya emincinane (mhlawumbi nika isikolo iikopi ukuze bazibonise ngexesha labo), ukufaka imibala kumaphepha njl. njl.... zaba ukuba noyilo kwaye wenze oku kufundisa kube nomdla kangangoko kunokwenzeka...



### **UMyalezo onguNdoqo:**

- ***Ungadlali okanye uphathe okanye usondele, kuyo nayiphi nainja/ikati ongayaziyo wena buqu. Ingakumbi izilwanyana ezibhadulayo ezigulayo okanye ezonzakeleyo.***



**Gonya izinja kunye neekati zakho. “NGUMTHETHO!”**



## Ukuba ulunywe yinja okanye yikati:

1. Sihlambe ngononophelo isilonda phantsi kwamanzi agelezayo ubuncinane imizuzu eli-15.

2. Faka isibulali ntsholongwane esilondeni!

3. Yiya ngqo ekliniki okanye esibhedlele

## 4. UNGALINDE, Thatha amanyathelo ngokukhawuleza!!!!

*Kubalulekile ukufundisa abantwana ukuba bakuphephe njani ukulunywa zizinja.*

Kufuneka bakwazi “ukufunda” ulwimi lomzimba lwezinja kwaye baqonde ukuba izinja kufuneka ziphathwe ngobubele nangentlonipho. Sebenzisa iincwadana, amaphetshana

### UNDOQO ekucebiseni: Ubudlelwane

*Ukuba kuyenzeka fumana imvume kwinkokeli yakho yoluntu, nokuba mhlawumbi yileta ebhaliweyo. Uze ke uye esikolweni, ezicawweni. kwamanye amaziko, ubazise ukuba ungubani kunye nokuba yintoni ongathanda ukuyenza.*



olwazi, iiposta nemibhalo ye-power Point equka imifanekiso yevidiyo.

Nceda uzame kwaye ufunde ulwimi lomzimba wenja ngokwakho kwaye ukuba unokufunda ngokungaphaya, jonga

iiwebhusayithi/amaphetshana avela kwi-GARC ekupheleni kwale ncwadana. Sebenzisa imathiriyeli yokufundisa eninzi kangangoko unako ukwenza ukuba izifundo zibe nomdla ebantwaneni kangangoko.

### HOW TO AVOID BEING BITTEN BY A DOG



**IF BITTEN:** -Immediately wash thoroughly with soap and running water for 10 minutes  
- go to the hospital!



**Ukwakha ubudlelwane obulungileyo kunye nawo onke amalungu oluntu kwaye ingakumbi iinkokeli zoluNtu.**

Ngokwakha ubudlelwane obulungileyo ungaphembelela iluntu ngesikeyile esikhulu nesibanzi kwaye ke mhlawumbi ungacela noncedo kwiinkokeli. Ngoko ke enye yezinto zokuqala ekufuneka uyenze ukuqhagamshelana nabo kukubazisa ukuba ungubani kunye nokuba yintoni wena/thina esifuna ukuyiphumeza.

## 7. Uluntu luzixela kubani iingxaki zomgada?

**Ekliniki** – Bonke abantu abalunywe zizilwanyana kufuneka baye ekliniki kwangaloo mini!!!! Bazi abongikazi kunye noosista kwiikliniki zengingqi ukuze baqonde ukuba uzama ukunceda ngomgada. Unokuxhoma kananjalo amaphetshana kwiikliniki kunye nolwazi olumalunga nogonyo olulandelayo loMgada lwezinja- Konke kuxhomekeke kubudlelwane WENA obakhayo nekliniki.

**I-SAPS** – Ukuba izinja zinoburhalarhume kwaye ziluma abantu oku kunokuxelwa kwi-SAPS.



**Amagosa angooGqirha beziLwanyana kaRhulumente** – Izinja kunye nezinye izilwanyana ezikrokrekayo kufuneka zixelwe amaGosa angooGqirha beziLwanyana kaRhulumente. (Jonga uluhlu oluhlonyelweyo)

**ISebe lezeMpilo** - Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo yeSebe lezeMpilo inokutsalelwa - 0800005133

**I-SPCA /IziPhathamandla zeMveli** – Nabo kunokuqhagamshelwana nabo.

### Yintoni ekufuneka uyenze de kufike uncedo?

Okokuqala, zama kwaye uhlale uzolile! Lumkisa abantu malunga nesilwanyana uze ubaxelele ukuba bangasondeli kuso. Ukuba ngaba kukhuselekile ukusivalela kwindawo evalelekileyo isilwanyana ngaphandle kwengozi, kwenze oko kwaye wazise iziphathamandla. KUBALULEKILE ukwazi ukuba siya phi isilwanyana ukuze sithathwe xa kufika uncedo kuwe.

## Masisebenzeni kunye ukwenza umgada ube yimbali!!

### ULuhlu loQhagamshelwano looGqirha beziLwanyana kaRhulumente

Isithili	Ugqirha wezilwanyana karhulumente/uMphathi	Inombolo
Illembe	Umnxeba	032 4377504
Uthukela	Umnxeba	036 6346300
Ugu	Umnxeba	039 6822020
Umzinyathi	Umnxeba	034 2999662
King Cetshwayo	Umnxeba	035 4742163
Ethekweni	Umnxeba	031 3289300
Hluhluwe	Umnxeba	035 5620207
Jozini	Umnxeba	035 5725303
Nongoma	Umnxeba	035 8749018
Harry Gwala	Umnxeba	039 8342974
Umgungundlovu	Umnxeba	033 3476247
Amajuba	Umnxeba	034 3153936
Vryheid	Umnxeba	034 9814416/7

### ULuhlu loQhagamshelwano lwe-DOH

Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo yeSebe lezeMpilo inokutsalelwa - 0800005133